# Siyanamkela!

Ngamampunge ingcingane ethi ukufunda nokufundiswa kuqhubeka esikolweni kuphela! Izifundo zokuqala ezibalulekileyo nezilulutho zelitheresi zenzeka emakhaya phakathi kosapho.

Xa ukholelwa ukuba abantwana bakho baza kugqwesa ekufundeni nasebhaleni ekuhambeni kwexesha, kwaye ubaxelela oku, nabo baza kukhuthazeka kwaye bakubone oku kuyinto enokufezekiseka. Kwaye, njengokuba ubabalisela amabali ukwabafundela wona kwangaxeshanye ubhala nabo, bazivela ngokunokwabo ukuba ilitheresi le iyinto eyonwabisayo nekwaluncedo kakhulu kananjalo.

Ingaba ufuna ukwazi indlela yokunceda abantwana bakho bakwazi ukufunda nokubhala? Xa kunjalo ke esi sikhokelo seStory Power silungiselelwe wena kanye! Kuso uzuza iingcebiso ezilulutho ezimalunga nokwabelana ngeencwadi namabali nabantwana bakho, kunye nendlela eyiyo yokubakhuthaza ukuze babhale ngokukuko. Kananjalo, kukho nengcombolo yolwazi emalunga nokuzisungulela iklabhu yakho yokufunda ekhaya!




Konwabele ukuhamba le ndlela yelitheresi kunye nabantwana bakho!

*Liqela lakwaNal'ibali*

**QAPHELA:** Esi sikhokelo siyafumaneka ngazo zolishumi elinanye iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika. Lindela ezinye izikhokelo ezikuthotho lweStory Power! Zikhangele ezi zikhokelo ku-**www.nalibali.org**.

## Okungaphakathi kwesi sikhokelo

Ukwenza ilitheresi ibe yinxalenye yekhaya lakho ............ 3
Ukwabelana ngeencwadi namabali ............ 4
Ukufundisa abantwana bakho ukubhala ..... 6
Ukuqhuba iklabhu yokufunda ............ 7





Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokuphinda uwusebenzise kwaye/okanye uwusasaze lo msebenzi, qhagamshelana nabakwaNal'ibali:

The Nal'ibali Trust
Suite 17–201, Building 17
Waverley Business Park, Wyecroft Road
Mowbray, 7700
Umnxeba: (021) 448 6000
I-imeyile: **info@nalibali.org**

Ukubundukunywa kwengqikelelo kunye nolawulo lwale projekthi: Project for the Study of Alternative Education in South Africa (i-PRAESA)
Oguqulele esiXhoseni: Mlamli Matshingana
Ukuhlela nokulungisa iimposiso: Pumeza Ngobozana
Ukuzotywa kwemifanekiso yabalinganiswa bakwaNal'ibali: Rico
Odizayinileyo: Magenta Media
Ukuveliswa nokudidiyelwa kobuncwadi: Baseline Publishing Services

# Ukwenza ilitheresi ibe yinxalenye yekhaya lakho



Xa ufunda kwaye ubhala rhoqo nabantwana bakho ekhaya, ubafundisa ukuba ukufunda nokubhala kubaluleke kakhulu, kuluncedo kwaye kuyonwabisa. Oku kunceda ekwenzeni ukufunda ilitheresi kube lulanyana kubo.

Wonke umntu ekhaya unendima ebalulekileyo ekufuneka eyidlalile ekuphuhliseni ukufunda nokubhala ebantwaneni abasakhulayo. Nazi ezinye iimbono zokwenza ilitheresi ibe yinxalenye eyonwabisayo kubomi bemihla ngemihla elusatsheni.

- **Bekela bucala ixesha lokubalisa amabali.** Yonke imihla yiba nexesha lokufunda kunye/okanye nelokubalisa amabali. Abantwana abaninzi bayakonwabela ukubaliselwa amabali phambi kokuba balale, kodwa abanye abantwana bakufumana kulula ukuzinzisa iingqondo zabo ngamanye nje amaxesha emini. Khetha ixesha lemini eliza kunilungela xa ninonke.
- **Balisa amabali.** Balisela abantwana bakho amabali, ubavumele iingoma uze ubacengcelezele nemibongo oyaziyo. Oku kuhlupheza iingqondo zabo kananjalo kuphuhlise nolwimi lwabo. Waphulaphule nawabo amabali, uze ukhumbule ukubancoma ubakhuthaze.



- **Yabelanani ngeencwadi.** Chitha nje imizuzu eli-15 ngosuku ufundela abantwana iincwadi zamabali ngokuvakalayo. Lenze eli ibe lixesha elimnandi nelonwabisayo. Xa abantwana bakho beqonda ukuba amabali angafumaneka ezincwadini, nokuba iincwadi ezi zilulutho kakhulu kubo kuba ziyonwabisa, baza kwenza amalinge okuba nabo bazame ukuzifundela ngokwabo. Inkoliso yabafundi abagqwesayo ekufundeni esikolweni ngabo bazifundelayo emakhaya bekunye neentsapho neetshomi zabo.
- **Yiba ngumzekelo.** Abantwana bafunda kakuhle ngokubukela oko sikwenzayo kunoko sibayalela ukuba bakwenze! Bavumele abantwana bakho bakubone ufundela ukuzonwabisa kwanokukhangela ingcombolo yolwazi oluthile, umzekelo, iincwadi zokufunda, iiresiphi, izaziso zesikolo, iimagazini namaphephandaba. Qinisekisa ukuba bayakubona ubhala kubomi bakho bemihla ngemihla, umzekelo, ubhala ilisti yokuya kuthenga igrosari, uthumela i-imeyile okanye urekhoda phantsi kwidayari yakho idinga oza kuba nalo. Xa abantwana bethu besibona sifunda kwaye sibhala rhoqo, bayabona ukuba oku kubalulekile kwaye kululutho ngenene baze ke nabo banqwenele ukukwenza oko kobabo ubomi bemihla ngemihla.
- **Sebenzisani ulwimi lwenu lweenkobe.** Amabali okuqala kufuneka abe ngolwimi lweenkobe lwabantwana bakho. Abantwana kufuneka bafunde baze babhale ngolwimi lwabo lweenkobe phambi kokuba bafunde ukukwenza oku ngezinye iilwimi. Isiseko esiluqilima solwimi lwabo lweenkobe sisitshixo sempumelelo yabo ekufundeni – kubandakanywa ukufundwa kokufunda nokubhala – kuba ukuze bafunde kakuhle, kufuneka baqonde kakuhle.



# Ukwabelana ngeencwadi namabali



Yabelanani ngeencwadi namabali kunye nabantwana bakho ukuncedisa ukwakha unxibelelwano oluluqilima nolothando nabo eli xa ubancedisa ukuphuhlisa izakhono zelitheresi ezibaluleke kunene kwimpumelelo yabo esikolweni nasebomini gabalala.

## Ukufundela abantwana bakho

Ukufunda kuncedisa ukuvula amehlo abantwana bakho, iintliziyo neengqondo ngokunxulumene nabanye abantu kwanezinye iimeko ezahlukeneyo. Kangangokuba, xa besonwabela amabali owabelana ngawo nabo, baza kusoloko bethe gqolo ukuqhubeka nokufunda iincwadi bezonwabisa ubomi babo bonke.

Nazi iingcebiso ezilishumi zokufundela abantwana bakho, nokuba bangakanani na ngobudala.

1. Bameme – kodwa ungabanyanzelisi – abantwana bakho ukuba bafunde nawe ubuncinane imizuzu eli-15 yonke imihla.
2. Fundelani kwindawo ethe cwaka nezolileyo. Iibhedi neekhawutshi zezona ndawo ninokufundela kuzo endlwini. Cimani unomathotholo, umabonakude nekhompyutha.
3. Bacele abantwana bakho bachonge incwadi abafuna ukuba niyifunde kunye. Oku kubonakalisa ukuba unenkathalo ngoko bakucingayo, kwaye kuza kuba lula nakubo ukuba bathathe inxaxheba ngokuzimisela kufundo lwencwadi ekhethwe ngabo buqu!
4. Chithani ixesha elingephi nibuka nikwancokola ngeqweqwe elingaphambili lencwadi. Ungalibali ukufunda isihloko sebali kunye namagama ombhali nomzobi.
5. Hlalani phantsi nibe busondelelana uze ukhuthaze abantwana bakho ibe ngabo ababamba incwadi okanye bakuncedise ukwenza oko. Abantwana abancinane bayakonwabela ukutyhila-tyhila amaphepha encwadi. Cela abafundi abadadlana ukuba bafunde amazwi omnye wabalinganiswa okanye umhlathi omnye okanye emibini ebalini.
6. Zama iindlela ngeendlela ezahlukeneyo ukwenzela ukuba amabali atsale umdla! Ungasebenzisa amazwi ohlukeneyo amele abalinganiswa abohlukeneyo. Funda ngokuzolileyo nangokupholileyo, iindawo ezithile ebalini ezifuna oko. Funda ngokukhawuleza xa umlinganiswa ebaleka, engxamile okanye eleqwa ebalini. Funda ngelizwi elikhulu elibhavumlayo xa kukho ingxolo enkulu ebalini.
7. Ncedisa abantwana bakho baphuhlise izakhono zabo zokuqikelela ngokubabuza wenjenje, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngoku?" kumaxesha ohlukeneyo ebalini.
8. Thethani ngebali kunye. Bakhuthaze abantwana bakho babelane nawe ngezimvo zabo malunga nendlela abaziphethe ngayo abalinganiswa kwibali nezinto abakhetha ukuzenza aba balinganiswa.
9. Xa incwadi inemizobo, yijongisise, uyiqwalaselisise kunye nabo imizobo leyo. Phawula ngezinto ezitsala umdla okanye oziqapheleyo nozithandileyo. Bakhuthaze abantwana benze kanjalo nabo, bazeke mzekweni.
10. Kodwa, okona kubaluleke ngaphezu kwako konke, yonwabelani ukwabelana ngeencwadi ezahlukeneyo kunye. Phola wenze konke onako ukuqinisekisa ukuba niyawonwabela nonke la maxesha niwaxhamla kunye nifunda.



# Ezinye iimbono ngebali



Nazi ezinye iimbono onokuzisebenzisa kumabali ekhaya.

### Yenza amaxesha akhethekileyo okubalisa amabali

Khetha amaxesha akhethekileyo anokonwatyelwa lusapho lwakho lonke. Umzekelo, ube "namabali exesha lesopholo"! Kanye ngeveki, ilungu losapho ngalinye malibalise ibali ngexesha lesopholo. Ingalibali elilifundileyo okanye elilibaliselweyo, okanye elitsha eliziqambele lona. Kanti ningalibalisa kunye ngokuyalela ukuba elinye ilungu losapho libalise isiqalo sebali aze amanye amalungu osapho angenelele ngokumane efakela kwibali elo de liphelele.

### Buza imibuzo

Babuze imibuzo-gabalala abantwana bakho ngamabali ukuqinisekisa ngenene ukuba ulwazi lwabo ngawo lunzulile. Olu hlobo lwemibuzo alunazimpendulo zichanekileyo okanye zingachanekanga. Le mibuzo iphuhlisa nje indlela abacinga ngayo ngamabali abantwana. Umzekelo, "Ngowawuzive njani wena xa ... ?", "Ukuba ibinguwe ngowawenze njani?", "Ucinga ukuba wayeyenzela ntoni le nto?", "Le nto ikukhumbuza ntoni?", "Ungenza ntoni xa ...?"

Nika abantwana bakho ithuba lokubuza imibuzo nabo! Baphendule ukuba unakho okanye ukhangele iimpendulo kunye nabo ngokuphinda nifunde ibali kwakhona nandule nixoxe ngeendawo ezithile zebali elo.

### Phica amabali

Khangela iindlela zokuba abantwana bakwazi ukuphica ibali obabalisele okanye obafundele lona. Umzekelo, banokulibalisa ngokutsha kananjalo balingise iindawo ezithile zebali, bazobe umzobo ongalo, okanye babhale ileta eya komnye wabalinganiswa bebali.




### Phindelela ukufunda amabali

Abantwana bathanda kakhulu ukuva rhoqo amabali abo abawathandayo! Rhoqo bephulaphula okanye befunda ibali abalithandayo, badibana nento entsha. Bakwafunda ngolwimi, isigama neengqiqo ezithile.

### Khangela iincwadi zokufunda

Iincwadi ziyadura kakhulu, ngoko ke ukuba kukho ilayibrari ekufuphi kuwe, yityelele rhoqo kunye nabantwana bakho. Cela usothala akubonise iincwadi ezinomdla nezingolwimi abaza kuluqonda kakuhle abantwana bakho. Banike ixesha elaneleyo lokuba bazikrwaqule uze emva koko uncokole nabo malunga nezo bazikhethileyo phambi kokuba bathathe isigqibo sokuba baza kuboleka eziphi na iincwadi.

### Phuhlisa ukuzithemba ebantwaneni

Xabisa amalinge enziwa ngabantwana bakho xa bezama ukuzifundela ngokunokwabo, njengoko usenza xa beqala ukufunda ukuthetha! Banike inkxaso engagungqiyo ngokuphuhlisa ukuzithemba kwabo – ngolo hlobo usendleleni eya empumelelweni ekufundeni kwabo. Baphulaphule uze ubancome nabo badadlanyana xa belinganisa ukuzifundela – kaloku abantwana kufuneka baziphathe okwabafundi ukuze babe ngabafundi beencwadi!




**Ubusazi ukuba abantwana abafunda iincwadi kakhulu endaweni yokubukela umabonakude ngabo abakwaziyo ukuzinzisa ingqondo ixesha elide?**

# Ukufundisa abantwana bakho ukubhala

Abantu basebenzisa ukubhala ngeendlela ezahlukeneyo ukuqhuba imicimbi yabo yemihla ngemihla nokunxibelelana nabanye. Njengazo zonke izakhono ezikhoyo – kufuneka uziqhelanise rhoqo nesi sakhono sokubhala ukwenzela ukusiphucula kuzokuba lula nakuwe! Njengabazali neempelesi kufuneka sibe ngumzekelo ebantwaneni ngokwabelana ngokubaluleka neenjongo zokubhala kubomi bethu bemihla ngemihla kubantwana bethu. Nazi ezinye iindlela ezahlukeneyo onokukwenza ngazo oku.

- Qinisekisa ukuba unawo amaphepha, iikhrayoni, iipeni neepensile ekhaya. Zigcine endaweni ekuza kubalula ebantwaneni ukuba bazithathele ngokwabo ukwenzela ukuba bakwazi ukuzoba nokubhala nanini na befuna.
- Ukuzoba kudla ngokuba linyathelo lokuqala ebantwaneni elisingise ekubhaleni. Bonakalisa umdla omkhulu kwimizobo yabo ngokubanika amazwi enkuthazo nokubabuza malunga nemizobo yabo, umzekelo, "Iyabukeka kakhulu le ndlu yakho. Kuhlala bani kuyo?"





- Dala amathuba okuba abantwana bakho bakwazi ukusebenzisa ukubhala njengesixhobo sokucwangcisa ubomi babo. Umzekelo, bayalele babhale iilisti ezifana nelisti yokuthenga, ilisti yezinto ezifunekayo esikolweni ngosuku olulandelayo, okanye ilisti yeendwendwe kwipati ngosuku lokuzalwa. Ungazihluphi okwangoku ngendlela abapela ngayo amagama. Baza kukwazi ukupela ngokukuko ekuhambeni kwexesha. Ukuba awukwazi kuyibona into abayibhalileyo kwiilisti zabo, bacele bakuxelele ngomlomo ukuba ithini loo nto ibhaliweyo.
- Khangela amathuba okuba abantwana bakho basebenzise ukubhala ukunxibelelana nabanye. Bayalele: babhale amagama abo kumakhadi emibuliso, babhale izibhilivana zemibulelo, babhale imiyalezo eya kumalungu eentsapho zabo emakhaya bangade babhale nee-imeyili okanye iileta eziya kubahlobo babo neentsapho zabo ezihlala qelele nabo.
- Bakhuthaze abantwana bakho babeneejenali apho baza kubhala khona nantoni na abayithandayo: ngeemvakalelo zabo, izinto ezenzekileyo ekhaya nasesikolweni, kunye nezinto abafuna ukuzikhumbula. Zihloniphe iimfihlo zabantwana bakho uzifunde iijenali zabo ngemvume yabo kuphela.
- Yenzani iincwadi ngokudibanisa amaphepha ngesteyipla inize nibhale amabali nabantwana bakho. Abancinane bona bangazoba imifanekiso. Babhalele amagama abakuxelela wona kodwa bakhuthaze ukuba bazibhalele ngokunokwabo. Abadadlana bona mabazizobele bazibhalele ngokwabo. Fundela amalungu osapho lwakho ohlala nawo nabanye abatyeleleyo ezi ncwadi!



# Ukuqhuba iklabhu yokufunda



Ungaqala ekhaya iklabhu encinane yokufunda ngaba bakho abantwana neetshomi zabo ezimbalwa okanye abantwana babamelwane. (Ubudala babo abubalulekanga kakhulu – ingangabancinane ukuya kwabadadlana.)

Iiklabhu ezincinane zokufunda zinika amathuba amaninzi namahle okufunda amabali neencwadi ezininzi nabantwana. Inye nje into efunekayo kukuba uthande amabali kwangaxeshanye ukwazi ukwabelana ngawo nabantwana – cela umntu omnye okanye ababini abadala abakwaziyo ukufunda ze abantwana bona babebahlanu ukuya kwisibhozo! Yiba nebhegi yeencwadi kunye nezixhobo zokubhala nokuzoba (ezifana neekhrayoni, iipensile, iipeni namaphepha) ngolo hlobo usekhondweni elililo!

Kwiklabhu encinane, kulula ukubazi kakuhle abantwana bonke. Yabelana nabo ngeencwadi zakho ozithandayo uze ubajonge ukuba bathanda amabali anjani na. Chitha ixesha ufunda kwangaxeshanye uncokola nabo ngamabali.

Kodwa wazi njani ukuba ukhethe eziphi iincwadi? Tyelela elayibrari rhoqo uze uye kwicandelo labantwana uchithe ixesha lakho ukhangela iincwadi khona. Zama ukuba umazi usothala weencwadi zabantwana, ucele iingcebiso kuye ngeencwadi ezinokonwatyelwa ngabantwana. Boleka incwadi ibe nye yebali oyithandileyo, mana uyifunda rhoqo uze emva koko uyifunde ngokuvakalayo eklabhini yakho. Uza kuthi ngokuya uqhelana nabantwana, uzibone sele ukhangela ezo ncwadi ziza kutsala umdla omkhulu kubo! Unokukhetha amabali kumacandelo "eStory and rhyme library" "neleStory supplies" kwiwebhusayithi kaNal'ibali u-**www.nalibali.org**.

Uthini ke malunga nokubhala? Zama ukuba nexesha lokubhala rhoqo nidibana kwiklabhu yokufunda. Abantwana bayakonwabela kakhulu ukubhala iidayari zabo, kwaye le yindlela encomekayo yokubakhulisela ekwazini ukubhala ngolwimi lwabo lweenkobe kunye nolwimi olongezelelweyo. Bakhuthaze abantwana babhale (bazobe nokuzoba) kwiidayari zabo nokuba




yintoni – ngeengcinga zabo, ngeemvakalelo zabo, ngeembono zabo okanye oko bathe bakonwabela ngolo suku. (Qinisekisa ukuba bayayazi into yokuba oko bakubhalayo yimfihlo yabo ngaphandle kokuba umntu nguye ofuna ukwabelana nabanye ngoko.) Kungcono ungazihluphi ngokukorekisha upelo lwamagama – into ebalulekileyo koko bakubhalileyo. Kananjalo unobakhuthaza babhale kwiidayari zabo bakugqiba babelane ngeembono zabo bekubhala oko kakuhle nacacileyo kwaye bapele amagama ngokukuko.

Kuzo zonke izinto enizenzayo kwiklabhu yokufunda, eyona ibaluleke kakhulu kukunika inkuthazo kubantwana ukuze bakwazi ukuthabatha inxaxheba ngokuzimisela – nceda ungabanyanzelisi. Kaloku injongo ephambili kukonwabela ukufunda nokwabelana ngamabali kunye.

Xa ufuna ukufumana ingcombolo ethe vetshe emalunga neeklabhu zokufunda, tyelela "kwiHow to guides" ku-**www.nalibali.org** okanye "uHow to" ku-**www.nalibali.mobi**. Enye ingcombolo ethe vetshe ifumaneka ku*Story Power: Isikhokelo seeklabhu zokufunda* ofumaneka "kwiStory supplies" ku-**www.nalibali.org**.


# Nxibelelana noNal'ibali

**Yiba yinxalenye yesixokelelwano sikaNal'ibali uze usebenzise amandla amabali ukuvuselela abantwana ukuba bafune ukufunda nokubhala.**

Ndwendwela amaqonga ethu ahlukileyo aqulethe imithombo kunye neengcebiso zokufundela ukuzonwabisa, ze ufumane namabali abantwana afumaneka ngeelwimi ezili-11.

## Iintlelo zikaNal'ibali

Fumana uhlelo lwakho lokufundela-ukuzonwabisa olubhalwe ngeelwimi ezimbini kwiphephandaba le*Sowetan*, i*Sunday Times Express*, i*Daily Dispatch* kunye ne*The Herald*. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-**www.nalibali.org**.



## UNal'ibali kunomathotholo

Phulaphula iinkqubo zikaNal'ibali kunomathotholo kwizikhululo zosasazo zikawonkewonke kwijelo losasazo leSABC, uze wonwabele amabali abantwana ngazo zoli-11 iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika! Ndwendwela ku-**www.nalibali.org** ukuze ufumane **isicwangciso seentsuku namaxesha akunomathotholo** ngawo uNal'ibali.

## www.nalibali.org

Ndwendwela **iwebhusayithi** kaNal'ibali ukuze ufumane simahla amaxwebhu eengcebiso, iiblog zelitheresi, iingcebiso ngokufunda kunye namabali abantwana.

## www.nalibali.mobi

Fumana iingcebiso ngokubalisa amabali kunye nokufunda, inkxaso yeeklabhu zokufunda kwakunye namabali angeelwimi ezili-11 zaseMzantsi Afrika – **kwiselula** yakho!



## Imidiya Yokuncokola

Joyina incoko eku**Facebook** uze usilandele ku**Twitter** naku**Instagram** ukuze ufumane iingcebiso nezihlaziyiweyo ezikhuthazayo ngokufundela ukuzonwabisa, izaziso kunye nokhuphiswano. Unokundwendwela ijelo lethu losasazo lika**YouTube** ku-**www.youtube.com/user/TheNalibaliChannel** ukuze ufumane iingcebiso eziluncedo zeklabhu yokufunda.



Ed 2.Mar2019.Xho

**Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: www.nalibali.org www.nalibali.mobi

nalibaliSA @nalibaliSA @nalibaliSA info@nalibali.org